


PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# VAKALISA ULUVO LWAKHO

## UMthetho oYilwayo wesiBini woLwabiwomali oluLodwa (kuNyakaMali wama2025/26) [B20 – 2026]

### Ukungeniswa kweziPhakamiso noVakalisozimvo

IKomiti eKhethekileyo yoLwabiwomali imema abachaphazelekayo nemibutho enomdla ukuba bangenise iziphakamiso ezibhaliweyo kunye/okanye nezentetho ngomlomo malunga noMthetho oYilwayo wesiBini woLwabiwomali oluLodwa (kuNyakaMali wama2025/26) [B20– 2026]. Loo Mthetho oYilwayo wathiwa thaca nguMphathiswa wezeMali ngomhla wama30 kweyeKhala 2026. UMthetho weMithetho eYilwayo neMiba eNxulumene nawo, onguNombolo 9 wowama2009 [njengoko uhlonyelwe nguMthetho we13 wowama2018], ufuna iPalamente ibambe iindibano zovakalisozimvo zoluntu kuze kwenziwe ingxelo malunga neMithetho eYilwayo.

Indibano yovakalisozimvo zoluntu malunga noMthetho oYilwayo wesiBini woLwabiwomali oluLodwa (kuNyakaMali wama2025/26) [B20– 2026] ziya kubanjwa yiKomiti eKhethekileyo yoLwabiwomali ngoLwesine, umhla we08 kweyeDwarha 2026. Ukungenisa isiphakamiso kunye/okanye ukubonakalisa ukwenza intetho yakho ngomlomo kufuneka kwenziwe ingabethanga intsimbi ye16:00 ngoLwesibini, umhla we06 kweyeDwarha 2026.

Iziphakamiso kufuneka zibhekiswe kooNobhala beKomiti, uMnu L Nodada (Lnodada@parliament.gov.za okanye 083 412 1526) kunye noNks E Grunewald (egrunewald@parliament.gov.za okanye 071 363 2257)

Iikopi zoMthetho oYilwayo zikhona kuwww.parliament.gov.za nakuwww.treasury.gov.za.

Sikhutshwe ngoHloniphekileyo uTL Legwase, iLungu lePalamente, uSihlalo: weKomiti eKhethekileyo yoLwabiwomali (eNCOP).

ISIXHOSA